VOL. ? 2023

UMZIMVUBU
LOCAL MUNICIPALITY
UPHUHLISO KUMNTU WONKE

HLALA EKHAYA
USINDISE UMZANTSI AFRIKA

# UMZIMVUBU NEWS

APRIL-JUNE 2023 NEWS EDITION | UPHUHLISO KUMNTU WONKE

## IZAKUGQITYWA KUNGEKUDALA INDLELA YASE MAPHAKAMA KWABHACA.

>>By Namhla Magada







Abahlali kwa ward 25, eMaphakama, kwaBhaca baza kufumana indlela esemgangathweni emva kokulungiswa kwendlela ekulelali. Kutshanje Usodolophu kaMasipala wase-Umzimvubu ujikeleze iiprojekti nanje ngokuba equkumbela nyaka mali ka 2022-2023. Ezi projekthi ziquka indlela yase Maphakama ephantsi kwe sebe leZiseko Nocwangciso lalomasipala ngenjongo zokujonga ugangatho kwanomgama osele uhanjiwe.

Le ndlela eyenziwa yinkampani ekwaphuma kwaBhaca iza kwenza umahluko omkhulu nanje ngokuba enxulumanisa ilali ezine kwane wadi eziyingqongileyo. Umlawuli wenkampani eyakha le ndlela I Breaking Force Trading (BFT), u Mnu. Victor Gono ubulele intsebenziswano entle phakathi kwakhe noceba kunye nabahlali ekwa chulumanciswa kukubona ukuba indlela le sele ikwinqanaba lokuba igqitywe kungakhange kubekho kruthakruthano. Loka Gono uthe "bekulindeleke ukuba lendlela igqitywe kwisithuba senyanga ezintandathu kodwa kungokunje sele ewuqukumbela lomsebenzi kwinyanga njezine.

Usodolophu walo masipala uthe "Ziprojekti zendlela ezingaphaya kumashumi amabini anesithandathu ezinziwe ngulo masipala KwaBhaca kwakunye nase MaXesibeni kulo unyakamali nekuyenye yazo le yase Maphakama. Kunjalo nje baxhamle ngokwemisebenzi abantu base Umzimvubu kuzo kuqa nonokhontilaka. Lendlela yase Maphakama engu mgama we 5 km ivelise imisebenzi kubantu abalishumi elinesine. Yimali ebalelwa kwi sigidi esinamakhulu amahlanu 'R1.5 Million' yeerandi ethe yabekelwa bucala ukusebenza kule Ndlela, uqukumbele watsho lo kaNdevu.

Umhlali umama umaBhayi Manciya oneminyaka engamashumi asibhozo '80 years' uthe sele iyiminyaka lendlela ingahambeki ingakumbi xa kuthe kwanetha kuba namanzi amanizi athi adilize nezindlu ngenxa yokuma komhlaba walommandla. Loka Manciya uhambise wathi xasisiya edolophini bekufuneka sihambe umgama ukuyakukhwela izithuthi, zexasibuya edolophini siqashe abafana ngemali ukuphathiswa imithwalo. Xa kufuneka uncedo olukhawulezileyo ingakumbi kuthi bantu abasele bekhulile bekubanzima kakhulu ngoba izithuthi azikwazi nokusondela. Ngoku ndiyavuya nokuba ndingalala ndakumka ndixolile ukukubona uphuhliso nakulendawo yase Maphakama, ndithi kuMasipala enkosi .

UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY

**UPHUHLISO KUMNTU WONKE**

# LUNCUMO LODWA KUBETHELWA IZANDLA ULWAKHIWO LWEHOLO YOLUNTU I BADIBANISE








**By Namhla Magada**

Kutshanje kulenyanga yeSilimela umasipala waseUmzimvubu undwendwele iholo yoluntu iBadibanise, kwaBhaca, ngeliyokuhlola umsebenzi owenziweyo ngethuba kusakhiwa, ukanti nokulungela ukusebenza kweli holo. USodolophu U Cllr Zukiswa Ndevu athe bhazalala ukuqinisekisa ukusiwa kweenkonzo kuluntu lo Umzimvubu. Ukanti kolutyelelo uhamba ne ofisi yezoNxebelelwano kwakunye necandelo leZiseko Nocwangciso zalomasipala ngelokujonga umgama osele uhanjiwe kwii projekti zika masipala kulo nyaka mali.
Ukwakhiwa kwaleholo yoluntu eBadibanise yinqulequ iza emvakokuba uceba wakwa wadi 18 kwakunye noluntu lonke lwalwe wadi lathi lafaka isicelo sokwakhelwa le holo, nezakuthi isetyenziswe njengendawo yeendibano zokuhlala. Yimali engaphaya kwizigidi ezibini ezinamakhulu amathandathu eerandi R2,6 million ethe yachithwa ngethuba lisakhiwa.
Ikomiti yasekuhlaleni ejongene nophuhliso loluntu iyiqhwabele izandla le nkqubela isithi iyibona njengeza kwenza izinto zibelula xa kukho isidingo sokubanjwa kweentlanganiso zoluntu. U-Mnu. Nkosana Ngalonkulu uthe baziva bechulumancile xa kungoku naxa belibona likwesisigaba eliholo. "Besitsala nzima xa kukho izinto zokuhlala iintlaganiso ezidinga ngamanye amaxesha zide zingaphumeleli ngenxa yokunga bina holo. Besisithi xa befuna ukuhlangana sisebenzise nezindlu zeetyalike". Loka Ngalonkulu weleke esithi olulakhiwo lweholo aluzisanga nje isakhiwo koko luphinde lwavula namathuba emisebenzi batsho baxhamla abantu balendawo.
Usodolophu uceba Zukiswa Ndevu uthe "lo ngumsebenzi wolulakhiwo uqalwe ngenyanga yeNkanga kunyaka ophelileyo, yaye leholo iyenye yeeprojekthi zikamasipala ayenza kwimali ayifumana kwimali ka-MIG. Ukwenziwa kwalo kuluqilima ukuze lithabathe ixesha elide kwaye libiyelwe lonke ukuligcina likhuselekile. Singu Masipala sikholelwa ukubakho kweli holo kuzakubakho umahluko omkhulu kubahlali base Badibanise nanje ngokuba bengasazukuphinda bahambe imigama emide besiya kwezinye indawo bengenalo iholo elilelabo.
Ukanti enye yezinto esizingca ngazo singulo masipala kukuvuleka kwamathuba engqesho kubantu abangamashumi amabini balapha ekuhlaleni, nkquu unonkontilaka obesakha le holo ngowalapha eUmzimvubu. Oko ke kuyasincedisa ekuqinisekiseni ukuba imali yalapha eMzimvubu ijikeleza kwalapha ukuncedisa kuqoqosho nase kuphuhlisweni koosomashishini basekuhlaleni" uvakalise watsho usodolophu uCllr Ndevu.

# MORE THAN 200 RESIDENTS AT EMAXESIBENI WELCOMED A NEWLY BUILT COMMUNITY HALL.




**By Khanya Kalashe**

Earlier today, 27th June 2023, EmaXesibeni residents, welcomed a newly built community hall at Saphukanduku Village. The construction of this facility first commenced late last year in November 2022 and continued for 6 months until its completion date.
"Today, we officially hand over this community hall, knowing that it has the potential to become a centre of community life. It is not just a building. Within these walls, unity can be created, solutions can be found, and conversations can be held that will change many lives. Meetings can be held regardless of the weather, unlike the past when important meetings had to be cancelled on account of weather conditions", said Umzimvubu Acting Mayor, Cllr Ntombizandile Garane.
"This community hall was built to serve your needs and your family's interests. There are community halls across this Municipality, but we believe you shouldn't have to travel long distances to get to a community hall. There should be one here, right where you live. Because this is where community happens", said Cllr Garane.
The R 2,7 million community infrastructure created employment opportunities for at least 20 residents in this village. Speaking on behalf of the residents, Mr Price Maxabiso Guqa, said, "We cannot be more pleased with the construction of this facility. We had many consultations with the Municipality regarding the progress of this hall and we are happy that no delays were experienced. The safety of this community hall is in our hands", concluded Guqa.
The Municipality intends to handover two-more (2) community halls over the next coming weeks.

# KUQHUTYWE IPHULO LOKUKHUTHAZA UCOCEKO EMAXESIBENI








**By Namhla Magada**

Kutsha nje uMasipala wasekuhlaleni uMzimvubu uqhube iphulo lokucoca ekwafundisa ngococeko kwindawo yase Phakade, eMaxesibeni. Le yenye yenzame zokugcina iindawo zoluntu kwakunye nee ranki zezithuthi zalo Masipala zicocekile. Umzimvubu ukwaqhube eliphulo phantsi kwamalinge lokugcina isikhundla sokuba ngu Masipala wesithathu kucoceko kwilizwe jikelele. Kaloku loMasipala wathi wawonga njengomye woo masipala abagqwesileyo kukuphiswano le Greenest Municipality Awards (GMC),eliququzelelwa lisebe u Economic Development, Environmental Affairs and Tourism nalapho wabuya nembasa yokuba ngu masipala ococekileyo noyikhathaleleyo indalo.

Eliphulo belikhokhelwe ngu Sodolophu obambeleyo u ceba Inga Nodali ekwakunye noo ceba nabasebenzi balo masipala. Lo ka Nodali uchaze wathi "singuMasipala kulenyanga yeSilimela sihlonipha sikwa bhiyozela inyanga Yokusingqongileyo 'Environment month nesithe sathabatha igxathu singu Masipala ukufundisa abantu kwakunye nabantwana besikolo ngokubaluleka kwezinto esisingqongileyo. Yilento umasipala ethe weza apha namhlanje ezokufundisa abantu abasebenzisa nabashishina apha ePhakade ingakumbi indlela esisebenza ngayo esisakhiwo awathi umasipala wosokha apha". Oka Nodali equkumbela ngelithi esi sikhululo sesinye sezakhiwo sokuhambisa inkunkuma nephantsi ko kopoletyeni wabahlaziyi 'local recyclers' ngeenjongo zokuqinisekisa ukuqokelele kweenkunkuma ukanti nakuveza amathuba oshishino kwabo basebenza ngokuhlaziya inkunkuma.

Uceba wakwa wadi 1 uCeba Mphakamisi Kiviet yena uthi baneengxoxo nabe zothutho kunye nesebe Lezothutho elizinze apha ePhakade, injongo kukuba kubekho intsebenziswano kucoco lwale renki ukwenza izinto zihambe ngokulula nakwabo basebenza ngokucoca kunye nokuhlaziyo inkunkuma .Esitsho uceba esithi iPakade le ikwizinga lokuba ingakhweba abatyali zimali bokhe indowo zokusebenzela apha njengendawo ethunganisela izithili ezintathu I Alfred Nzo , Harry Gwala kunye ne OR Tambo.

Noxa uMasipala enenjongo eziphakamileyo ngale ndawo yase Phakade, njengendawo engathi izise uqoqosho kweli loUmzimvubu, umama uMangqoko Qasha nongumthengisi kule ndawo uvakalise uvuyo olumangalisa ngegxathu umasipala athe walithabatha ukuza eluntwini. Loka Nqasha ubhekise umbono kuMasipala esithi "Siyamcela umasipala aqashe abantu abazakijongana ncakasana nalendowo yase Phakade nanjengoku kukho umceli mngeni wabantu abazokukhwela izithuthi abashiya inkunkuma yaye kukhawuleze kungcole.

# UMASIPALA UMZIMVUBU UYAQHUBEKA NOKUNIKEZELA NGONOOKONTILAKA BEEPROJEKTI EMAXESIBENI.








Luyaqhuba uphuhliso ku Masipala Umzimvubu nanjengokuba ngomhla wamashumi amabini anesibini kwinyanga ka Canzibe kulo umiyo. Umasipala wasekuhlaleni Umzimvubu ebebambe iintlanganiso enikezela ngokusesikweni ngoonokhontilaka bokwakha iiprojekthi ezimbini EmaXesibeni. Iprojekhi yokuqala yi Chitwa Park ekwa Ward 28 ebekelwe bucala isixa mali esiyi R5,5 million yaye izakuthi ithathe ithuba leenyanga ezilishumi elinanye(11) ukwenziwa kwayo . Izinto ezizakuthi zenziwe kolulakhiwo kwesisigaba sokuqala kukudilizwa komhlaba kwenziwe kubelitafa khona ukuze kube lula ukuqaliswa kwalomsebenzi. Igama lika nokhontilakha ozoqhuba lomsebenzi yi "Nkwali AMJV kugqityiwe".

Ukanti kwilali yase Phepheni kuye kwanikezelwe ngesigaba sesibini se Phepheni sport field neyi projekthi ephatsi kuka ward 1. Esisigaba sokwenziwa kwelibala ekulindeleke ukuba sithathe iinyanga ezilishumi(10) sisenziwa ngemali exabisa I R7,1 Million. Izinto ekulindeleke zenziwe kwesisigaba ziquka, ukufakelwa komgangatho wokuhamba abantu, retaing idonga lokunqanda amanzi kwakunye nokutyalwa kwengca ebaleni lokudlala ibhola. Igama lika nokhontilaka othe wanikezelwa kubahlali balo mmandla yi "Ntlangula 86 Trading"

Ngokwemisebenzi kuzombini eziProjekthi kulindeleke ukuba kuqashiwe abantu basekuhlaleni ekuquka kubo amanina, ulutsha, abantu abangootata kunye nabakhubazwkileyo.

# INDLU YOWISOMTHETHO EMPUMA KOLONI IQHUBE INKQUBO YOKUZISA IINKONZO ELUNTWINI KWABHACA

**By Inga Nzuzo**









Ngomhla wesibhozo kwinyanga yeSilimela kulo umiyo, Indlu yowisomthetho eMpuma Koloni ikhokhele utyelelo lukarhulumente kwilali yaseColana kwaWard 10, KwaBhaca. Ukuthatha inxaxheba koluntu lunegalelo kwizigqibo ezingcono, kuba abasemagunyeni bathi zebakwazi ukwenza izigqibo ezingcono babenolwazi olupheleleyo ngezingo zoluntu.

Ebebambele uSodolophu uCllr Ntombizandile Garane uvule lendibano ngelithi "Ukuthatha inxaxheba yoluntu yinkqubo enika abantu ithuba lokuphembelela nokuphefumla kwizigqibo zelizwe liphela kwaye kudala lonto iyinxalenye yoMzantsi Afrika sokela saba lilizwe lenkululeko".

Amasebe karhulumente athe ayinxalenye yolutyelelo aquka isebe uCOGTA, Isebe Lezothutho, Isebe lokuhlaliswa kwabantu, Isebe lezemfundo, Isebe lezempilo, iqumrhu u Independent Electoral Commission (IEC) kunye no SAPS. Le ngqubo ithe yavula ingxoxo phakathi kwabahlali bale wardi bavakalisa izikalazo zabo kulamasebe ohlukeneyo ka rhulumente. Phakathi kwezinto ebezitshisa ibunzi ngumba wabantwana abangena zazisi zokuzalwa, abantu abadala abangena zazisi kwakunye abantwana abangayi esikolweni. Ukanti ulwaphulo mthetho, izikolo ezingeko semgangatweni wokufundela abantwana, kwakunye nongafumani inkonzo zempilo yenye yemiba ethe yashukuxwa kulendibano. Amasebe karhulumente athe eziphemfumla enikezana amathuba ukuphendula kubahlali bale wardi.

USomlomo weBhunga obambeleyo uCllr Nkosomzi Nomnganga ukhuthaze ulutsha lwale ward ukuba mababeyinxalenye kwii ntlanganiso ze IDP kwakunye nezinye inkqubo zika rhulumente ukuze bafumane ulwazi oluphangaleleyo. Lo ka Nomnganga uvale ngelithi ngumasipala onoxanduva njengorhulumente wasemakhaya ukuba baqinisekise ukuba wonke ubani uyaxhamla ngokulinganayo kwiinkonzo zonke eziya eluntwini.

# COMMUNITIES IN UMZIMVUBU WELCOME MORE THAN 50 MILLION SET-ASIDE FOR ROAD INFRASTRUCTURE.

**By Khanya Kalashe**









The Municipality has set aside an amount of R55 million towards infrastructure projects for the 2023/2024 Financial Year. This was announced by the Mayor, Cllr Zukiswa Ndevu, during the Annual Service Delivery IMBIZO at Luyengweni Village, Ward 24 in KwaBhaca. The Municipal Infrastructure Grant (MIG) funded initiative will see the Municipality improve in terms of road infrastructure. During her speech, the Mayor also mentioned that labour intensive employment opportunities were created during this financial year. "We were fortunate enough to have met most of our infrastructure obligations during this financial year. This, whereby we have also managed to create more than 220 employment opportunities since the start of these projects", said Cllr Ndevu. Communities were further granted the opportunity to pose questions and comment further on the Mayors maiden speech. During the commentary session, communities applauded the ULM's commitment towards connecting 700 households to the ESKOM gridline. This, after an amount of 17 million rand was allocated to the Municipality from the Integrated National Electrification Programme (INEP).

The Municipality received more accolades when the Mayor said, "although it is mandated for the Department of Human Settlements to build houses, the Municipality has adopted this approach to assist the most vulnerable families in its communities. Umzimvubu Local Municipality has been appointed by the Human Settlement Department as an implementing agent to construct RDP's to the value of R152 million for two consecutive years 2023/24 and 2024/25", concluded Cllr Ndevu.

*"We were fortunate enough to have met most of our infrastructure obligations during this financial year. This, whereby we have also managed to create more than 220 employment opportunities since the start of these projects",*

# IBLACK HAWK FOUNDATION ITHABATHE UXANDUVA LOKUBONELELA ABANGATHATHINTWENI KWABHACA

**By Sivuyile Rhosho**








Ngomhla wamashumi amabini anesixhenxe ukuyakutsho kumhla wamashumi amabini anesibhozo 27-28 kwinyanga ka Canzibe umasipala uMzimvubu undwendwele kwilali yaseTholeni kwaWard 21 KwaBhaca, nalapho bekuqhutywa khona inkqubo ye "Black Hawk Foundation".Lenqubo yathi yathatha intsuku ezimbini kunikezelwa kwabo bangathathintweni ngezinto ezizidingo zabo ezingudoqo. Izinto abaxhamliswe kuzo ziquka kuzo iintonga zokusimelela kwabantu abadala, iingubo zobuska, izihlangu zesikolo,ukanti zona iikiti zezemidlalo zithe zanikezelwa ngosuku lwesibini. Ngolusuku lwesibini kwakule nkqubo kwathi kwaqhuba imidlalo phakathi kwamaqela asekuhleleni ukanti abantu balo mmandla bafumana neemfundiso ngezemphilo kumalungu amalungu angogqirhangogqirha eBlack Hawk Foundation.

Ongusihlalo we Black Hawk Foundation umamu Sontsu uthe "namhlanje silapha nje ngenzame zokubuyisa isidima somntu wase maphandleni nokuba mdala okanye mtsha, nanje ngobakuba nibonile izinto esithe seza nazo apha ziquka wonke ubani. Sizama kananjalo ukukuthaza ulutsha lungagaxaleki ezintweni ezenzakayo ezifana nokusela kotywala ngokugqithisileyo kwakunye neziyobisi.

"Sibulela ngokungazenzisiyo kwabakwa Black Hawk Foundation ngalenkqubo bathe bayizisa kubantu bethu nanje ngokuba le ward inabantu abaliqela abangathathi ntweni. Sinomqweno wokuba bangaqhubeka bangaphelimandla ekwenzini okolungileyo, sibulela nolutsha ukuba luphume ngobuninzi Sinethemba nakanjalo ukuba luzakuthi lukhuthazeke kwezemidlalo utshilo uCeba Nkosomzi Nomnganaga nongu ceba wendawo. Zlilali zonke zalewadi ezithe zaxhamla kulenkqubo ekuquka kuzo iTholeni, iBislani kunye neMhlanganisweni.

# "MORE OPPORTUNITIES FOR YOUNG PEOPLE TO EXPLORE" – CLLR GARANE






On the 9th of June 2023, the Alfred Nzo District Municipality conducted a Youth Dialogue to launch Youth Month at the Alfred Nzo District Municipality, Conference centre. The dialogue was an effort by the District Municipality to empower young people and to bring government closer to their needs.

The Acting-Executive Mayor, Cllr Nathi Ngqoko, opened the dialogue by suggesting that Municipalities must start supporting younger SMMEs and existing cooperatives around the district. During the session, all local Municipalities were available to present their programmes and support initiatives to the many young people that came in their numbers to participate. These Municipalities include, Matatiele Local Municipality, Ntabankulu Local Municipality, Winnie-Madikizela Local Municipality, and the Umzimvubu Local Municipality.

"It is pleasing to note that 60% of our farmer mentorship programme participants are young people who are eager to contribute towards our agricultural sector, as a result this municipality is currently sitting with 180 emerging farmers and 500 substantial farmers" said Umzimvubu Acting Mayor, Cllr Ntombizandile Garane.



# UMZIMVUBU UNIKELE NGOKUSESIKWENI OONOKHONTILAKHA ABABINI EMAXESIBENI








Umasipala wasekuhlaleni Umzimvubu ngomhla wesihlanu kwinyanga kaCanzibe kulo umiyo unyaka, uthe wabamba iintlanganiso enikezela ngokusesikweni ngoonokhontilaka bokwakha iiprojekthi ezimbini EmaXesibeni.

Eziprojekthi zimbini yiMulti-Purpose Center ekwidolophu yase EmaXesibeni kwakunye ne projekti yolwakhiwo lwezindlu zesibonelelo zase Cabazana. I Multi-Purpose Centre kulindeleke ukuba isungule isigaba sesihlanu solwakhiwo esixabisa imali engaphaya kwezigidi ezine zerandi (4 million).

Esisigaba sizakuthi siquke ukwenziwa kwezindlu zangasese, indawo yezixhobo zemidlalo yangaphakathi kwakunye nokubiywa kwesisakhiwo .Kwicala lemisebenzi baqikelelwa kwishumi elinesihlanu abantu abazakuthi bafumane izithuba zomsebenzi.

Ukanti kulwakhiwo lwezindlu zase Cabazana, zilali ezintlanu ekulindeleke ukuba zokhelwe izindlu ezilikhulu elinamashumi asibhozo ananye 181, eziquka kuzo ilali iSolani, iMmangweni, iPhutukezi, iMrholweni kunye ne Mnambithi. Lomsebenzi uzakuthi uxabise imali ebalelwa kwizigidi ezingamashumi amathathu (30 million) kwaye nabantu balo mmandla bazakuxhamla ngokwemisebenzi.

USodolophu uCeba Zukiswa Ndevu nobekhokhele esisigqeba salomasipala, ukhuthaze onokhontilaka ukuba benze umsebenzi osemgangathweni kwakunye nabahlali ukuba babeliliso kwiindawo ekuzakuthi kubekwe kuzo izixhobo zokusebenza ukunqanda ukulibaziseka nokuqhuba kwezi projekti, uyakwabongoze abahlali ebaxelela ukuba baze baphathane kakuhle nonoKhontilaka kwaye bamanyane ukulwa ubusela. Lo kaNdevu unikezele nakoonokhontilaka ithuba lokuzazisa ebahlalini kwaye bachaze nendlela abazakuthi basebenze ngayo.

# UNIKEZELE NGEZIPHO UMASIPALA WASEKUHLALENI UMZIMVUBU KUMAKHAYA ANGATHATHI NTWENI







**By Sivuyile Rosho**

Ngomhla wesibhozo ukuya kumhla wethoba kweyeSilimela kulo umiyo unyaka, uMasipala uMzimvubu ebethe bhazalala eqhuba inkqubo yaminyaka le engu "Gift of Happiness" nalapho kuthi kunikezelwe ngezipho eziquka ifenitshala, ukutya kunye nezindlu zesibonelelo kumakhaya ahleleleki-leyo. Kulomakhaya anabafundi kuye kunikezelwe nange Uniform ukuncedisana nabo bazibone befana nabanye abantwana.

Ngamakhaya amathathu athe axhamla kulenkqubo yalonyaka anganga alandelayo:

1.Mgeyi Family-Ward 07, EmaXesibeni.
2.Ncaphayi Family-Ward 18, KwaBhaca.
3.Majola Family-Ward 21, KwaBhaca.

Usodolophu walomasipala uCeba Zukiswa Ndevu uthe "Lenkqubo iqaliswe emveni kokuqaphela ukuba baninzi abantu balo mmandla abahlelekileyo nesinokuthi sisisigqeba nabasebenzi balo masipala senze umahluko empilweni zabo ngalonto esinayo.

Lenkqubo ibonakalisa indlela esibaxabise ngayo abantu balomasipala nanjengokuba siye sincediswe ziikomiti zee wadi ukuchonga abona bantu abahlelelekileyo kwiiwadi zonke ze kuthathwe kubo abona banesidingo kakhulu. Kwezizindlu ezithe zenziwa zanikezelwa ngu masipala, inye ithe yaxabisa imali engange R192 000 yaye ngonokhontilakha balapha ekuhlaleni abathe basetyenziswa ngexesha zisakhiwa"

Ukanti abasebenzi kunye nooCeba balomasipala bathe banikezela ngokusemandleni wabo ukuqinisekisa ukuba lamakhaya agxotha ikati eziko kwaye kubuye nesidima sawo ekuhlaleni. Abasebenzi boMzimvubu bathi baphume ngobuninzi ukuya apho kuyonikezelwa khona ngezizipho bancedise nangezinto abakwaziyo ukunceda kuzo kuloomakhaya.

Omnye wabantu abathe baxhamla kulenkqubo ngumama uNgenaphi Mgeyi oneminyaka engamashumi amahlanu ananye (51) othe wadlulisa umbulelo ongazenzisiyo wathi"Enkosi kakhulu kuMasipala wethu nathi sizotsho sibenekhaya elilelethu esizakuthi sikwazi nokulikhomba kuba kaloku besekunzima nokugoduka ngenxa yoba singenakhaya."

# Umzimvulu Local Municipality handed over a contactor to Lugelweni community








Umzimvubu Local Municipality on the 6th of June 2023, convened a meeting with Ward 8 residents at Lugelweni village in EmaXesibeni to handover a contractor that will be responsible for the upgrading of Lugelweni internal road.

Cllr Ntombizandile Garane, the Portfolio head of Infrastructure and Planning accompanied by the ward councillor and municipal officials handed over the project valued over R 1,5 million. The project is set to take a duration of 6 months, commencing on the 15 June 2023. A minimum of 10 local labour and skilled labour will be employed for the duration of the project. People who will be employed in this project include amongst them females, males, youth and atleast one or two disabled people. The contractor responsible for the project is Ngcombela Civils and Plant Hire.

The scope of the project includes the maintenance of 4,8 km long gravel road, the construction will also include mass earthworks and road layer works.

Cllr Garane pleaded with the community to elect a project stirring committee within 7 days following the handover meeting. Garane further urged the community to unite in welcoming service delivery and should not fight amongst themselves as this will hinder the progress of this project and development as planned by Umzimvubu in the current financial year. She encouraged the contractor to do quality work as well as residents to monitor the areas where equipment will be installed to prevent delays and running of these projects. She also gave the contractors the opportunity to introduce themselves to residents and also explain how they will work with them.

# UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY WARNS RESIDENTS ABOUT ONGOING SCAMS AND CYBER-CRIMES.

**By Khanya Kalashe**







KwaBhaca - Umzimvubu Local Municipality (ULM) warns members of the public against scammers and ongoing cyber-crimes. This follows complaints received by the Municipality from residents who have been scammed by people pretending to be municipal officials. The scam has allegedly invited businesses to pay a large amount of money to a certain 'senior manager' for tenders and vacancies that were recently advertised by the Municipality.

The Municipality warns its residents of these criminals who continue to scam people of their money under pretense of being Municipal employees. The matter is receiving urgent attention from the municipality and from law enforcement agencies. ULM DOES NOT use brokers for tender applications but, are hand delivered to the Municipality.

All ULM tenders and vacancies are advertised on local newspapers, social media pages, Municipal billboards, Municipal notice boards and the official website (www.umzimvubu.gov.za). Members of the public are reminded that they should know it's a scam when: - they are requested to call the sender on their mobile phones because the municipality does not request to be called back by bidders. - potential victims are required to make a payment fee in advance because the municipality does not request bidders to pay monies to individuals in any way whatsoever in exchange for tender placement. - potential victims are required to pay monies to individuals for advertised vacancies.

The public is urged to alert law enforcement agencies about any suspicious activities related to ULM Tenders. Residents are further advised to contact the National Anti-Corruption Hotline:
**0800 701 701.**

# UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY NOW ACCCEPTS EMAILED APPLICATIONS FOR JOB SEEKERS

**By Khanya Kalashe**

KwaBhaca – Umzimvubu Local Municipality (ULM) now accepts emailed applications for job seekers.
The aim of the 'recruitment email' is to make it more convenient for applicants to apply for vacant positions at the Municipality. The paperless system will allow prospect employees to apply for a job without having to make copies of their Curriculum Vitae (CV).

Applicants are further requested not to attach their qualifications on the recruitment email, as this will be a request made to shortlisted candidates. "The recruitment email follows the sudden disruption of Post-Office services in KwaBhaca and EmaXesibeni. In the spirit of leaving no one behind, Umzimvubu will continue to introduce various systems to mitigate unemployment.

By this, we intend on introducing a fully-fledged e-recruitment portal whereby candidates can track their application status on the system. said Umzimvubu Mayor, Cllr Zukiswa Ndevu.
The Municipality's mission is to plan and deliver quality and sustainable services to improve the socio-economic status within the broader community of Umzimvubu. The Municipality calls upon all applicants to utilize the recruitment email that is as follows: recruitment@umzimvubu.gov.za for any employment application addressed to the Municipality.

# UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY IN A BID TO IMPROVE THE ECO-SYSTEM THROUGH THE DONGA REHABILITATION PROGRAMME.

**By Khanya Kalashe**

During the 2022/2023 financial year, Umzimvubu Local Municipality carried out the implementation of the Donga Rehabilitation programme across KwaBhaca and EmaXesibeni. The Municipality appointed a service provider to identify and further eradicate large dongas that formed along the road which posed a significant public safety risk.

The dongas have also become sites for pollution and have resulted in siltation of the river due to soil erosion. The aim of the Donga Rehabilitation project is to rehabilitate the damage caused by soil erosion in the area. Since the establishment of this project, the Municipality has been able to employ a minimum of 35 individuals at Cabazana, Lugelweni and Nqalweni.
The year-long project promises a good return on investment as it would improve the status and functioning of the freshwater ecosystem. This would further improve water quality and quantity as well as enhance public safety through the installation of disaster risk preventative infrastructure. The 1-million-rand investment is predominately rural and expected to be complete by the end of June 2023.



# MORE THAN 700 HOUSEHOLDS TO BE ELECTRIFIED ACROSS UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY.

**By Khanya Kalashe**







During the Service Delivery IMBIZO held in KwaBhaca on the 26th May 2023, Umzimvubu Mayor, Cllr Zukiswa Ndevu welcomed the R17 million fund injection from the Integrated National Electrification Programme (INEP) for the upcoming 2023/2024 Financial Year (FY). INEP is a government initiative aimed to provide capital subsidies to municipalities to address the electrification backlog of permanently occupied residential dwellings.

The purpose of the INEP is to manage the electrification planning, funding, and implementation process with the aim of addressing electrification backlogs. In her statement, the Mayor emphasised that government has a responsibility to ensure the electrification of all its citizens, particularly, in rural areas, uplift the people and make life more convenient. During the 2022/2023 financial year, the Municipality managed to connect at least 254 households to the ESKOM gridline.
The Mayor further called for patience during this period, as the Municipality works towards the electrification of all households. "I want to plead with the community to remain patient during this period as we continue to reduce our electrification backlog. We are in talks with Eskom to speed up the energising process of all completed electricity projects", said Cllr Ndevu. The Municipality remains confident in its bid to continue connecting households and to alleviate the existing backlog.